# IMVO ZABANTSUNDU

IPEPA LAMAXOSA LEVEKI ZONKE.

(NATIVE OPINION).

LIHLAULELWA 3s. NGANYANGA NTATU.

IXABISO 3d.

KING WILLIAM'S TOWN, NGOMVULO, FEBRUARY 16, 1885.

[No. 16.


## J. no-C. HERDING,

Abatengisi bempahla Yama-Xosa,

Kwi Venkile Yakwa Ngqika,

e-QONCE. Ikwangabo e-MKANGISO,

Kwa-TESEH

Kwi Xesi; elilunge ne -NCABASA

Abatengi bo-boya nezikumba Zenkomo ne- zempahla emfutshane ne mpondo.

## JOHN J. IRVINE & CO.,

Abatenga impahla kwamanye amazwe, Kakweli,

Nabatengeli bofani ngofani,

Abatengi bento eziveliswo ngabantsundu esinjengo

BOYA, IZIKUMBA ZENKOMO,

Nezempahla emfutshane, BEMPONDO,

*Nokudla, njalo njalo.*

Ivenkile nezitora zentlobo ngentlobo, ezikwindawo ngendawo, ezitonga impahla kuti, zine cam lokufumana impahla yentlobo zonke ehambe itengwa ngentelekelelo enkulu kumagumbi ngamagumbi elizwe.

Kuyo yonke indawo esitenga kuyo impahla yezi zitora zetu sitenga ngapandle kokwenza tyala, ngokwenjenja- lo ke sondele ekufumanini eyona mpahla itshatsheleyo ngamaxabiso apantsi.

Amaxabiso apezulu anikwayo ngamaxa namaxa nge- nto esukuba itengiswa anikowa apa.

JOHN J. IRVINE & CO.

## D. THOMAS,

Ibaki Umenzi nomtengisi wento

Ezimnandi,

E-QONCE.

Uvulele aba ntsundu indlu eyodwa yezixaso kumnyango olunge nowalanalu yake indala.

Izixaso kusoloko zilungile amaxesha onke. Kuko nendlu eyodwa eyokutyela yona. Izonka Zomtshato zenziwa kwanguye.

E-BANK STREET

### SITUATIONS.
### Vacant and Wanted.

THE "IMVO" having an exceptionally large weekly increasing circulation for a New Paper throughout the Colony end the adjacent Territories, is the best means of advertising for Native Servants with recommendations.

Terms—Three insertions, 5s. cash, for parti s advertising Vacant Situations.

### IZICAKO EZIFUNWAYO.

#### KUFUNWA

KWAKAMSINYANE IS1CAKA SASE-NDLWINI, esinganxiliyo esitembekileyo nesi lungileyo. ITmvnzo ngofanelekileyo. Sotya silale kwakulendlu. Oyifunayo indawo leyo makasingise ku

R. MALCHER, Albert Road,
E-Qonce.

#### NDIPENI UMKONDO!

INKABI EMFUSA inebala elimhlope esteondeni somlenze wase kohlo; inebala elimhlope emhlana elikutukileyo—indawo angati.olibonayo lalike lanesilonda kudala. Iqala ukupuma atnabamba.

ITOKAZI ELIBOMVU elingenabala izihlatana zifutshane itshoba likwalifutshane.

JOHN BALI.
Fort White, Debe Nek,
December 27, 1884.

#### KULAHLEKE

E-NGQAMAKAVE ngo 19 November. 1884, ihashe elimtuqwa. Olifumeneyo, umhlaumbi, ovakalise umkondo ongabanga ukuba lifunyanwe wozuza umvuzo ofanelekileyo.

WILLIAM F. BASSI.
St. Edmund's, Hebebebe,
21 January, 1885.

### ISAZISO ESONA.

Kutengiswa ngoku ngamanani apantsi natotyiweyo—

Into eninzi kunene yencawa ezifanele abantu basesikolweni, kwanezimigca ngaminye nangamibini ezilungele amaqaba.

Kusand' ukufika kananjalo impahla yetu entsha evela e Amelika amakuba amashumi asixenxe anantlanu awona ohlobo aye enokufunyanwa ngamanani abulula bungazanga babako.

Kufike nesukila emhlope nebomvu evela e Natala amanani azo atotywa nangapezu kokwalenyanga ifileyo.

Kufike namakulu omabini etauli ezidla i dobilityi zone nehalafu inye, oko kukuti zintatu ngesheleni.

Intlobontlobo zengubo zamadoda nezamakwenkwe.

W. O. CARTER & CO.,
Maclean Square,

W. J. DEALY,

Umtumeli wempahla kwindawo ngendawo, noncedisa, abafuna ukutenga nokutengisa, e-Town *Hall, Kwisitora esinga pantsi ese- sitatu,* No. 3, *Kivinkundla, ye marike,*

E-QONCE.

Uhlala aba nento eninzi yombona, na Ma- zimba, ne Tapile, ne Bran, ne Kalika, njalo njalo, ayitengisa tshipu.

Amaxabiso alungileyo uyawanika ngento ezinjengokutya.

*Impahla zamkelwa nguye azitumele kuma- calana onke e-Koloni.*

## Wonke umntu ontsundu ose Jagersfontein makaye kubona u

## Mitchell no Greenlees.

Ibulukwe ze 10/- ; Ibatyi ze 12/6; Izihlangu ze 12/6 ; Iblankete ze 10/; Iminqwazi ye 5/.

Iswekile, nekofu, ne Cuba, zonke ezizinto zilungile zi tshipu.

Eyona mpahla ininzi e Jagersfontein.

U-M. no G. bayitenga Engilane nase Skotilan eyabo impahla. Yonke impahla yabo inyulwa ngenyameko ngabahlobo babo aba " se kaya " kwindawo ezingedulu, amaxabiso abizwa ngabo alunge nangangawapina anokufunyanwa apa e South Afrika.

*Akunaku fumana nto igqite eyabo ngokulunga ngexabiso olirolayo.*

## M. KEEVY & CO.

(Kwivenkile ebisakuba yeka Ngomti)

E-Bolorweni, nakwi strata sase Durban,. nakwa Komani.

Abatengi nabatengisi bempahla. ngempahla.

Amaxabiso amakuln ayani-' kwa ngo Boya, Nezikumba, nentwana zonke ezitengiswayo

ISAZISO KWABANTSUNDU.

## Kwa PASCOE BROTHERS,

E-AYLIFF STREET

Iprinti ezintsha ezimfusa, Iprinti ezintsha ezidaki, izitofu zelokwe, Ilinzi ezi Ngwevu okumdaka, Ngwevu oku- kanyayo nezi Mfusa. Ityali ezintsha ezingwevu, nezimfusa nezimnyama, zentlobo ezintsha, zamaxabiso ngamaxabiso. Izihlangu zamankazana eziqala kwi 1/. Ikeleko eziqala kwitiki iyadi.

## OMAKUPAULWE.

I-Seteni emhlope esezenziwe izivato (zitshipu). Izigubungelo neveyile zomtshato njalo-njalo.

Yonke impahla efunwa ngabantsundu abazakutshata ihleli iko ilungele ukunxitywa.

AMATYALA abapambi kwejaji (Mr. Justice LanrenceJ e-Kimberley, kutiwa ebengenga-nganto, wona amashumi amahlanu ebewafi-kelele.

INDLOVU ngapa ngase Qora zikolisa uku- bonwa futi zingapandle kwamahlati, ngenxa yokoma kwemitombo emahlatini.

INTO eninzi yetapile evela e-Monti itunye- Iwe e-Natala.

UKUHULALA, ukuba, ukupanga, lawo nga- wona matyala ayintloko enziwayo e-Dayi- mani.

LEVEKI idlulileyo ibe imiselwe ukuba ibe yiveki yezikungo zokucela imvula libandla lase Rabe elilapa e-Qonce.

NDAWONYE nemitandazo enyuselwa imvula kwakuso esisiqingata, kunyuka intshontsho eyenziwa ngabantu abazenza bona amagqira emvula, oselesukeke mntundini umzi obo- mvu wawomela kubo.

UTYELELO Iwe jaji ngalonyaka luyakuma ngoluhlobo.—E-Qonce iyakuqala ukuteta ngo 4 ku March, e-Monti ngo 10, e-Komani ngo 13, e-Dodoloro ngo 20, e-Aliwal North ngo 23, e-Burghersdorp ngo 25, e-Colesberg ngo 28' e-Cradock ngo 31, e-Somerset East ngo 2 ku April, e-Nyara ngo 4, e-Bofolo ngo 7, e-Tinara ngo 16, e-Rafu ngo 18, e-Bayi ngo 23.

AMA PITSO, intlanganiso zenkosi zase Lu- sutu ke ezo, ahlangana ehlangene. Kubona- kala ukuba Abesutu bandwebe kanye yilento yalemikosi yenjenjeya ukuya kwela Bahla- mbeli.

OWOKUGQIBELA konyana baka Tsepinare Moroko abebese Lovedale, udlule apa ngo Mvulo weveki edluleyo ukusingisa ekayeni lake e-Thaba Nchu.

IQELA la Mangesi ebeliye kudlala e-Austra- lia, likupe kona i-club enamandla kunene, ebiyeyamadoda aketwe kumaqela ngamaqe- la. Nokoke ibingeyiyo yona intloko ye club zase Astralia le ike iye kudlala e-Ingilane.

AMA BULU akwa Zulu kuvakala ukuba abapete kakubi kanye abantsundu bakwa Zulu.

IHABILE eziswa ngama Mfengu ase Rabula iyancomeka kanye, nangexabiso yeyona ifu- mana ngokute nyi.

E-KIMBEELEY basabuye bavelelwa kona ngokupiwa itontsi lemvula.

" UKULINDA isela misa elinye elolibamba " sitsbo isiteto sase mlungwini. Ngokunjalo ati amabandla asemlungwini impahla ebiwe komnyama ayiduki yona napakade, kuba ikwa yeyesela engoko emalikwazi ukulanda elinye.

IMIKOSI ka General Warren siva ukuba kwakona iyanduluka e-Taungs, iya kuke ila- lise e-Vryburg.

IMVULA iselike yana kwezinye indawo ezi- njengo zi Hoboti, Ntsikizi, eka Anta yona, nase Batenjini.

ENGCOBO ngowe 7 ku April kuya kutengi- swa kona impahla ebise skiti. Yimpahlake ekolise ngenkomo.

INGQAKAQA ibikwa e-Jamestown, e-Bur-ghersdorp ke kona seyinabantu abaliqela ebabnleleyo.

KWINDLELA yomendo esinga e-Rafu kusa- nd' ukubulawa inyati ekubonakala ukuba ibe ibaduliswa kukufuna amanzi.

INDODA entsundu abati ngu Koli ngegama isand' ukuqaukela e-Grey Hospital apa e- Qonce. Imbangi yokufa kwayo inyatelwe yinqwelo ibizamela ukukwela nge dissel- boom, ekubeni *izite tshwe izito.*

I-KATALA limi, amanzi akasabaleki ngenxa yokukubalela.

U.MR. SPRIGG utembise ukuba wohla aze atyelelele i-Monti ukuza kuzipenduleljangesi- milo sake.

ITYALA lika Mr. Wolf, olelinye lamalungu amele i-Dayimani e-Palamente, alikade lize sigqibeni saluto.

KUVAKALA ukuba ityala lika Mr. Francis J. Dormer, esaka sakankanya ukuba umangale. Iwe, liya kuqalwa ukutetwa ngo May. Yena ngesiqu ngoku usatyelele e-Dayimani.

AMAXABISO ezinto anyukile kanye ngoku e-markeni yase Kimberley.

EMA MPONDWENI liyawase *mehlo.* Kuvakala ukuba akuko luvisiswano kanye pakati ko Mqikela no Nqwiliso.

ABAFUYI benkawu ne mfene ngebelumnka kakulu. Enye indoda ite ibe idlala nenka- wu yayo yeyiswa butongo, suka inkawu runyu yemnkanayo impumlo ipela.

NGASE Nyara kuko intokazi emhlope efu- nyenwe ilele endlwini yayo selifile, epepeni elalisetafileni kwafunyanwa ibale ukuba nge- nxa yobuhlwempu namatyala ibonile ukuba ayinakunyamezela.

UMBALELI wepepa lase Kokstad, uti ibu- xoki indawo yokuba kwanukwa kwabulawa into eninzi kunene yabantu ngokufa kuka Ngayiyeni, mnye zwi umutu amaziyo yena ukuba wabulawa.

KWAKONA ingqakaqa ibikwa e-Baleni nase Sidutyini kukwanjalo.

KUVAKALA ukuba e-Dayimani kuko umko- si osand' ukuhlanganiswa, wabantsundu bo. dwa. Apo uya kona kukwakwela Bahla, mbeli.

IZILIMO, e-Bolo nase Komani nakwinkoliso yendawo kwisiqingata sakwa Komani, zi- tshabe mpela. Oluhlobo lokoma kwezinto loloyikisayo.

NAMHLA nati njengabauye sinako ukuti enkosi! Ukuba sibe sinokutsho kungenxa yelitontsana lemvula esiliboniswayo, kuba nakuba ingabanga mvula inkulu, nengangale besingasayazi.

E-BOFOLO ite nqam kanye ihabile ukuziswa emarkeni ekubeni ifuneka emandleni.

INXENYE yabantu aba Ntsundu kwesisiqi- ngata, ngenxa yokuqonda intshabalalo eyenziwa lilanga, ibiseyimkitazela pantsi umbo- na imzisa edolopini ukuba adlise amahashe.

Kwi Ofisi ye Mantyi yase Colesberg, kubi- we Dgobusuku ityeya yemali, yakutshwa kwemkiwa nayo vonke yona eyimali, ebi- kwi £40, kwashiywa eyamapepa.

EZOCINGO zibika ukuba u-General Warren utumele ukuba bonke abamhlope abakulo- mhlaba wa Bahlambeli mababe bekwelela kwangoku.

UTE akuba efikile kwa Tsolo u-Mditshwa wasikelwa isiqwengana esilingene isiqu sake yena yedwa, wadaniswa kakulu, kuba yena ebeba usaya kumiswa enziwe inkosi. Noko ke ubuye wazixolisa.

ULOLIWE ukuya kungena e-Aliwal North koba ngo June.

INDLALA seyingene kangaka e-Victoria West kangangokuba inxenye kwaba ntsundu kutiwa seyisitya inyatna yamahashe afileyo.

U-DR. HOLE webandla lase Tshatshi, obe. sand' ukuhambela indawo ngendawo apa e- South Africa, ehlanganisa imali yokuncedi- sa ukwenziwa kwe Bible, ubuyile, sitetanje ngoku use Kapa ekayeni lake, apo kute kwa-kuba kwenziwe intlanganiso yokuva noku. mbulela ngohambo Iwake, wacelwa ukuba amnkele isipo esiyi £300 esingumbulelo wa bo.

Ku Mgqibelo weveki edluleyo indoda emhlope kuse ihlantlatwe intloko ngenduku, seyifile.. Oku kwenzeke e-Kimberley.

I-DIKE kumnandi ukuva ukuba nalo libu- ye lakunjulwa ngetontsi lemvula.

KWESENTO ka Ross kwa Hleke pantsi kwa-mahlati, siva ukuba kwakuyo leveki idluleyo bekwenziwe intlanganiso enkulu kunene yo-kutandazela imvula, ebikungwe kunene nga- maqaba. Ukudliswa abantu kuwiswe inko- mo.

E-MONTI bayipiwe kanobom kanye bona imvula, batsho ababala bekona.

IXABISO lombona liya linyuka ngokunyuka emarkeni, kwiveki edluleyo nye wema kwi 16/ ngekulu.

IMITWALO yenqwelo ukusuka e-Aliwal North ukuya e-Kimberley, ihamba kwi 8/ ne 9/ ngekulu.

E-MTATA umbona usahamba pakati kwe 10/ ne 12/ ngengxowa.

E-TOLENI nakwezinye indawo zangakona umbona usaya kulunga usindile kanye yena —batsho abavela ngakona.

NGOLWESi-Tatu ine kakulu kanjako kwa Komani, liti ipepa lakona ukuyixela kude kwangati kupalazwa amanzi nge mpompo.

KUBA FUNDI,—Impawana, I-Cricket Ye Holide, ipepa elabalwa ngu Mr. W. Hay eli- balela Umanyano Ngemfundo—ezinteto azi- fumananga situba kwelanamhla.

## IMVO ZABANTSUNDU

### AMAKUMSHA ANTSUNDU.

PANTSI kwala magama ipepa lakwa Komani cligama liyi *Free Press,* liteta bukali licase isi-gqibo sika Rulumeni kuba ete ali-safuneki ikumsba elimblope kwi ofisi yemantyi yalomzi, inyule ukuba ku kumshe omnyama ; oku kutiwa kubangwe kukubalela, amakancipise imali ke ngenxa enoko. Elipepa liti livakalisa umxelo walo " njengo-kuba u Komani emi kwindawo akuyo, emideni yelase Maxoseni akunqwe-nelekile akulungile ukuba indawo epakame njengeye kumsha iwele kumntu omnyama." Okwezetu iziqu asihlutiswa lilizwi lokuba " kuba umzi wakwa Komani umi kwindawo okuyo ngenxa enoko akunqwenelekile ukuba ontsundu abelikumsba."

Sibangelwa yilenteto ukuba senze amanqakwana ngendawo yokuba izakuba nguwupina ngoku umsebenzi abazakuwenza abamnyama abafundisiweyo xa nje bahlutwa nokukumsha. Ukuze singavisiswa kakubi make siti sihlanza okwayizolo tina sakubona umhlanjana apa wododana Iwakowetu oti wakuba udle amadinana atile kwizikolo ezinjengezasema Dikeni, noma Nxukwebe no Mitwaku, ube. selubamba ukaba utuli, usiti awufanelwe misebenzi yazandla. kodwa ubizo Iwawo luse misebenzini enziwa ngobucopo. Kwinteto ete ke sazenza ngemisebenzi ekulindelwe ukuba bayenze abafundileyo ibingenguwo umnqweno wetu ukuba ibe kanti umntu efundiswa nje akasakuba sasebenza nto yenziwa ngezandla, makabe selemelwe kusabenza ngentloko mhlaimbi afe. Yabeke yona into ejongwe yimfundo ikukuba imenze onayo abe nokuwenza ngokudlulise kongafundanga wonke umsebenzi afaka. isandla kuwo.

Kodwa kuyenzakalisa ukuva inteto enjengale yelipepa ebonakala ukuba iyaxaba endleleni yokuba abantsundu bafumane amasebenzi akwa Rulumeni, ngenxa yebala abalinikwe Yinkosi pofu. Kan tike elipepa alizixeli izizatu zokuba ku ngafaneleki ukuba abantsundu bangabi zitoliki ezi ofisi, emasiti kuba nati ngasazi ikwali kwele elidala elisekwe pezu kwebala. Kuyakutiwa Amangesi anokutolika ngokudluliseleyo kunabantu abantsundu. Kungaba njalo mhlaimbi: u Komani nezinye indawo zingaba zibezina mashwa okufumana amaqitala amakumsba, lityala lazo elo, kuba inyamekwana encinane ibiya kuti nce--disa ukuba zifumane amadodana afanalekileyo kwinkita efundileyo ngoku. Asifuni kwalata ndawo siti etile injalo, kodwa singati asikazanga sifumane toliki ya Ngesi igqibeleleyo. Ayakusivumela Amangesi xa siti amatyala awo atandana emiswe ngomxolo ngazo zonke indlela, ukuhanjiswa kwamatyala kusicenge sokuba konakale kuku

musha okusiqwala ; iyinto epokeleyo ukuba ubagqitile kwiminwe yesa- ndla salombali Abelungu abayaziyo kanye inteto ye-Sixosa kunye nama- qalo ayo; zabeke ezimpinzana zi- ngeko edinisweni lakwa Rulumeni. Kekaloku kuba ofundisiweyo ontsu- ndu iyinteto yonina-kulu le ye-Sixosa makabe ugqibelele ukuyazi kwa- kunye namaqalo ayo lawo maninzi kunene, yabeke iyinto ekapukapu ukuyifunda eye Singesi inteto kuba yona iyinteto ekungeko zinkani ngamazwi ayo, ebalwa ngohlobo elumiyo nolwazekayo —nto ezo zo- mbini ezingekoyo kweye Sixosa, kwaye kunjalonje sebeko kwabantsu- ndu abasebeyifundile ngokwanelisa- yo inteto ye-Singesi.

Kuko enye inkalo, mayelana nale ngxoxo, ebonakalayo kuye wonke umntu ozikisayo ukueinga. Yinto eyaziwayo siti sonke ukuba imali le ye Rafu siyihlaula ku Rulumeni usebenza imisebenzi ebuya inike ituba lokuba ifunyanwe ngabayi- hlaulayo kwakona ; ukuba bekunge- ko temba linjalo ngesebakucasa ukuhlaula i-Rafu bonke abantu aba- kanyiselweyo. Lemali ke siyinika iRulumeni singati ibuyela kwaba- yihlaulayo ngendlela ezimbini: (1) ngemisebenzi ati u-Rulumeni aye- nze ilungelo labemi bendawo ezi- hlaula i-Rafu ; (2) ekubataleni abantu abazicaka zake, abati lomali ba- hlaulwa ngayo bayanane pakati kwetu ngokutenga into abazifunayo kwakuti. Kwingqili zetu bamnya- ma akuko misebenzi ibalulekileyo ayenzayo u-Rulumeni, kuba nati asiyifuni nganto. Akuko kubuyisa imali zetu ke ngalondlela. Ngoku- patelele kwisango lesibini singati ababaninzi kuti abasedinisweni lika Rulumeni ngoluhlobo angena ngalo amagwangqa, esingati ukulihlamba elilizwi siputume inteto ye Ruluneli elandelwa yile ikoyo u-Sir BARTLE FRERE, oti " Akuko nto kwelilizwe " injengaleyo yase India eluncedo " olukuiu—isebe labantsundu lezi- " caka zakwa Rulumeni. Kuswele- "ke onobala namakumsha, kodwa " andazi mntu mnyama upete inda- " wo yokuba atenjwe kuyo enewo- " nga ngapandle mblaimbi kweyo " kutolika. . . . Endingeze ndabo- " nisa nangomntu omnye owaka wa- " miselwa kwindawo yegunya enje " ngokuba yimantyi mhlaimbi ngu- " mamnkeli mali zakwa Rulumeni " ngenxa yokuba, eyifanele nge- " mfundo indawo leyo. [Tyila kwincwadi zenteto ze Ruluneli ne Pakati Elikulu Lenkosazana Elipete Ikoloni (C.—2100) July 1878.] Eteta ke ngomvuzo wabo bambalwa bangaba baqesbiwe ngu Rulumeni ngoku uti u-Sir BARTLE FRERE, " bapete indawo ezimisebenzi miku- " lu pofu bengavuzwa kakuhle." Makube kumhlope ke ukuba nakwi- tuba lesibini ayibuyisa ngalo u-Ru- lumeni imali ye Rafu abantsundu abakoti nabapantsi. Kufanelekilena oko? Kutiwa ngoku mabablutwe nokutolika abengati umntu yeyona ndawana sebenyatama kuyo! Si- bona tina iluncedo ku Rulumeni ukuba abakutaze ngokubavulela itu- ba lokufumana umsebenzi abamnya- ma abafundileyo, ukuze nabo babe nokuma ngenyawo zombini kulo- mhlaba bayeke ukusoloko bengo no- twali-mpahlana.

## Amanqaku.

---------—+---------

UMHLOBO wetu *i-Telegraph* yase Bayi ufika vena lenteto ka Mr. Makiwane ayi- kangele ngohlobo Iwake yedwa olunge- nakulandelwa, enjenje. " Kuninzi ku- hlobo lokuma kwayo lenteto okusifundi- sayo, kwaye kukwakuninzi nokusicubu- Uyo ; akukuninzi okungagxekwayo, ku- lonje kuncinane oko kubanga umsi- do kwanokungafuna ukuba kucaswe.

Elinene lintsundu, kuba ngokwenyaniso ubale kanye njengoko lento ilinene ifa- nele ukwenjenjalo ukubala into yokuba ifundwe ngamanye, ekungakatalekiyo nokubana lomfo selede wamnyama nga- ngokuba ide iti eyona lote-peni iyemnya- ma ezi kutiwa ngo B.B., kwakubalwa ngayo entlonzeni ishiye kumhlope—eli- nene lintsundu libonisa ukumangaliswa kwalo kukude kucitwe kangaka amandla, umonde, ukufunda kwanobushushu, yo- nke lonto kupela icitelwa ukuba kuze kuboniswa ukuba ama Africa Antsundu aluhlanga olweyekileyo. Ufike ati kunganina gxebe ukude kutatyatwe inya- meko engaka yokufuna ukuba kuze kucaca lonto, into eyakuti nokubana ide ke yacaca njalo kuze knngabiko nto yona iya kwenza yona. Ufike ati akuko na- wupina ontsundu ongapambeneyo, onga- bulandulayo ubukulu besizwe sase Mlungwini, esingongaine kwezintsundu intla- nga zodwa, koko songame nakwezama- nye amazwe. Ngoku ngapezulu ufike abeke inyaniso ebukulu bungenakuli- nganiswa nayimbi, yokuba imbangi yokuhamba kancinane kangaka yesini- nzi sabamnyama, kungenxa yokungaka- talelwa Into kwento yokufundisa intombi. Uqekela ati inqwitela ezintlitantlita isi- milo kwanentlalo yomfana ontsundu, osukuba engofundisiweyo zinkulu nga- ngokuba ade ave ezibuze ngelokuba " Asi- nkohlakalona kodwa ukulumnka oku "—xake siteta mayelana nobulurnnko be- ncwadi. Ufike ati enyanisile kona—apa siwatabata amazwi ake njengoko anjalo —" Ndite emva kwengcinga ebanzi neye- ndelo ndeza kuleneam yokuba amadodana akowetu akalufumani uvelwano nga- ngoko bekufanele ukuba njalo ; yaye into engummangaliso ikukuba ide ibe kuseko inani elaxatise kwaxatiseka. Isivavanyo sinamandla oqwitela. Esam isimo asifa- nanga nesamanye amadodana akowetu, azikolisanga kundifikela inqwitela zolu- hlobo nditeta Iona; kodwa nditi ndaku- yikangela into abadlule kuyo abanyendi- ze kweliti akuko sizatu sakuncama. Ewe ekupengululeni kwam ndifumene ukuba amadodana amhlope ake abe sesi- cengeni salentlalo yetu akabanga naku- ma onke; nokuba inani lawati asilelelwa alilincinane."

Kulusizi kuti noko ukubona ukuba kwinteto yalombali kuko noko indawo yokubonakalisa intiyo nokunganeliswa. Intshaba zona zose zisiti oku kupuma kwimpembelelo yabafundisiweyo. Ema- kubeke kuko isheyi elikoyo. Kodwake *kuko* enye into *ekoyo* eyiyimbi, esifuna ke tina ukuyikangela ngeso lengqondo, lendawo imnandi *kangaka,* nakuba iye- nzima. Ukuze ivakale masiti, iqekeza eli lesonta alilungilena kunokuba unga- bisaba nasonka kanye? Akungenyuli uncwalazi okungekwani yinina kune- ntsunguzi yobusuku? U-Mxosa nokuba utiwe futu kuhle kodwa akagqitile yinina kwinyongolo yeqaba? Singapikike na- inagqwidigqwidi angaba uyawenza u-Mr. Makiwane, kona yindoda, umfo ocinga- yo, onokuyilandela into, ayenzele amafa- ni, ayenze kananjalo. Masitike kuye ngoko nakwabo bacinga njengaye maba- luve lunjengoko lunjalo uhlanga oluntsu- ndu, bati lomazwi azekelise ngawo, nokubana ingaba akawandeliselanga nje- ngoko ebefanele, enzeke njengoko anjalo : " Lento umsebenzi asimfuneko kodwa, *koko* ibumnandi." Ngokwenyaniso ubu- buntu kanye; kawuwukwelelise, uwu- tshabalalise, isizukulwana sika 'Adam so- suka siti gongqo ekufeni." Leke yimfa- nelo yetu sonke ngabanye, esoti sakuda siyifeze kuhle kuzole *konke.*

ABAFUNDI betu abanakuba babe sebe- yilibele inteto eyaka yabonakala kwelipe- pa, eyayingo " Guquguqulo," esakanka- nya kuyo apo ukuswela uA-waneliswa kwetu sisigqibo esinengozi pakati sika Rulumente, ngokusuka aqepule isiqendu- kazi esikulu Kumhlaba wase Gala aye asinyanzele kowase Sidutyini, ulwanezo Kowase Sidutyini Ke olo olwapelela eKu- jokeni kokungatobelini-mteto. Umbale- li wetu obalulekileyo ose Sidutyini apo " uhle wasisondela" Kwincwadi ebona- Kele Kwipepa letu elidluleyo apoke afise atete ngohlobo abozibonela ngokwabo encwadini yake apo, abatanda ukuyetyi- sa lonteto.

INDAWO ebesikangele Kuyo tina eicu- yenzeni Kwetu lonteto ngokusingisele Kulomhlaba Ka Matanzima otatyatwe wa- fakwa e-Sidutyini, ibikukufuna UKU- bonisa imposiso emayelana nokuba bati abantu abase rwada abasebupakupaku Kwezizinto zase mlungwini, bangeniswe Kwicala abayaKuti xa bakulo bahlalelane gama ne Mantyi yabo. Bobona abayifu- ndileyo incwadi leyo yombaleli wetu ukuba Iona ugugugulo olo akaluka- nyeleli ukuba lube lufanele ukwenziwa. Ufike amandla ake anawo angebuzwe bani awacitele ekuboniseni ubunyaniso bobuKo bemposiso esekuhleni nede ya- gqita emgceni eyenziwe ngu Rulumente welilizwe yokusuka avumele intlobo- ntlobo zamasiko Kwindawo nge- ndawo, ngokwenani lendawo ezilunge Kwelocala, eKupateni aba Ntsundu. Si- vumelaneKe naye Kwelo. Ukuba inyaniso zimi njengoko azimisa ngako, uma- sitike u-Rulumente aKapatananga nge- mfanelo no Matanzima. Kodwa, njengo- ko sesitshilo, ukuyibala Kwetu lenteto mayelana noguqugulo olo besingaqwa- lasele Koluhlobo Iwokuma Kwezinto.

## Abalimi Base Batenjini.

U-Mr. P. Mtyoba, ongu Nobala we Bandla la Balimi bela Batemba, usitumele ingxelo ayibale ezincwadini zelo Bandla oko belihla- ngene ngomhla we 7 nowe 8 ku January. Kakade ke ingxelo edla ngokungeniswa ezi. ncwadini zama Bandla anjengeli ikolisango- kufana namatambo omntu awomileyo esekn- yakutike kuba sasiko nati ezintlanganisweni apo sesimana ukuwagubungela ngenyama lo- matambo engxelo.

Indlu ya Mahala (watsho omnye umfo obomvu wase Ncora) yavulwa ngo 17 January ngonyaka odluleyo. Imi kum'mango omble kulomzana uyakuba rahle kunene wase mantla e-Tsomo bati li Cala. Yindlu ebukulu bulingeneyo. Yakiwa ngeratshi elikulu nga Mahala awarola imali nempahla kwada kwabonakala ukuba igqitile kwinto eyayika- ngelwe ngamashumi osibozo eponti £80. Ine- gunjana esatyelwa ukuba lelencwadi (Library). Ziko indawo ezasidanisayo tina ngokumayelana nokufezwa kwendlu. Akwa- ba izitulo zazinendawo zokwayama. Asazi ukuba kwala ntonina ukuba indawo ezihamba abantu zingandlalwa inkuko apa zase Mlungwini ezitambileyo (carpet). Ngenxa yo- kusweleka kwazo ingxolo yezihlangu za Batembu yafuna ukugqita emgceni. Ezona ncwadi zinoncedo asizibonanga endlwini yencwadi, ngazwinye akuko zincwadi okwa- ngoku ngapandle kwencwadi zentsomi za Mangesi (Fiction) esingazi ukuba zinasaci sanina kumafama. Indlu inezipato ezihle zezibane ezatengwa e-Kapa.

Iqalwe intlanganiso yeli Bandla, eyeyesi- bini evayingena oko yati lendlu yavulwa, ngomhla we 7 ngentsimbi ye 11 kusasa. U- C. J. Levev, Esq., u-Mantyi wase Xalanga nase Cala esesihlalweni. Kumanene awayeko sa- paula abanumzana o Messrs. Mankayi Re- nqe, Solomon Kalipa, Mtengwane Ngcwabe, Joseph Tele Seva, Landule Ngcwabe, Adonis Ntovise, Palmer Kula, Joseph Nqose, Jantje Mgcodo, S. Tshokotsha, M. Mxaku, D. Makohliso, P. Figiland, John Somtunzi, Richard Tsengiwe, F. Mashiyi, Jas. Mfamana, namanye.

Umongaraeli uyivule ngambalwa intlanganiso ate pakati kwawo uyavuya kunye na- madoda ukuba besabambelele kuyo intlanganiso. Intshaba beseziqalile ukuti lento yabo iyakupelela emoyeni. Into emayenziwe ngu- msebenzi—mabazame into ebonakalayo. Into yokuqala eyakwenziwa yintlanganiso kukupulapula ingxelo yento ezenziwe ekuse. tyenzweni komhlaba zifama ngalonyaka. Kwakulentlanganiso mabenze amacebo apa- telele kumteto wotywala—ukuba ingatiwa- nina ukupeliswa intengiso yabo, bangatinina kanjako ukuxuma imigudu yabahlobo abalwa elidabi abakwezinye indawo. Enye into ekuyakufuneka beyicingile yeyokuncipisa ubusela. Pakati kwento ezingati zingalu- ncedo kukuba abantu baqiniselwe kwimihla- ba abakuyo bazeke babe nokuyipendulela into ehla kuyo. Ndawo yimbi kukuhlwayela imbewu ezizizo, nezifanele amaxesha atile. Bekungabanceda kakulu ukulandela emko- ndweni wa Majelimane kwinto zolulobo. Kambe ngabantu abatyekele kwinto zolaulo, kodwa zininzi izinto ezinokwenziwa ngapa- ndle kwezo zaselulaulweni.

Amadoda aqale ngokubalula imisebenzi ayenze ngonyaka odluleyo, esiyive savuma nati ukuba asebenzile xa sikumbula inxwa- leko abesebenza pakati kwazo zelanga nezo- kuba umhlaba wawo ungekadanga walungi- swa njengokuba wona ebefuna- Intsebenzo ebalulekileyo yengokwakiwa kwezindlu ze- zitena ezifulelwe ngezinki, ukutsalwa kwe- mijelo, ukutyalwa kwemiti, nokulima oku- kulu. Amanye amadoda ayelindele ukubu- la ingxowa ezisemakulwini zengqolowa ne- nto eninzi yehabile. Ingande kakulu lengxe- lo ukuba silinge ukuzibalula izinto ezisetye- nziweyo ngabantu ngabantu. Saneliseka tina. Siyayincoma intsebenzo yamawetu. Kusebenza okute qo okunyusa uhlanga.

ULUBO.

Ingxoxo yobusela indululwe ngu Mr. DUNCAN MAKOHLISO okalaze ukuba indlela awo- hlwaya ngayo u-Rulumeni amasela ayincedi luto, kuba amagq weta nokutya kwentolongo— ezizinto ziwakutaze ngokunye amasela. Ucebi- se ngelokuba ubusela bohlwaywe kwangala- ndlela yomteto wase Maxoseni ukuze pezu kwawo kubuye kwalekwe intolongo.

Kulenteto kutete into ka Seya u-Jeseph Tele no Palmer Kula, no Pambani Figilan, no Richard Tsengiwe, no Solomon Kalipa, no Philip Siwundla, no Landule Ngcwabe, | ide emva kwengxoxo abete kuyo abanye ba- dulusela ekutini makwandiswe amapolisa, kwavunyelwana.

Le ilandelayo yingxelo esivitunyelwe ngu- mbali wentlanganiso u-Mr. P. Mtyoba:

K^gqitywe kwelokuba u-Rulumente ma- kacelwe ukuba anqande ukutengiswa ko- tywala bomlungu kwabamnyama e-Koloni nakwezinye indawo. Kuba utywala ngu- mzali wobusela nezinye inkohlakalo.

Kusuke u-Mr. D. Makohliso watelelwa ngu Mr. P. Figilan ukuba u-Mr. J. G. Maboza abe lilungu lolumanyano. Yatakazelwa lo- ndawo.

Kusuke u-Mr. Figilan watelelwa ngu Mr. Tsengiwe ukuba u-Mr. J. Tengo-Jabavu abe lilungu lolumanyano—kwavunywa.

Emva koku kwamnkelwe amagama o j Messrs. Meli Xanti, John Mbane, no Paul Mazwi ebulungwini.

Kuvunyelwene kwelokuba u-Mongameli anikwe igunya lokubatala i " lamp " awazi. tenga efandesini ezitengela elibandla.

Kusuke u-Mr. Siwundla watelelwa ngu Mr. B. Hlazo ukuba makubizwe ishumi le- sheleni (10/) ngobusuku xa sukuba abelu- ngu besenza umdlalo kulendlu yelibandla. Yatakazelwa londawo.

Kute apa kwamnkelwa u-Mr. J. Mba ebu- lungwini.

Kusuke u-Mr. Tsengiwe watelelwa ngu Mr. J. Mbane okokokuba kubekiswe ku Ru. lumente ngedlelo kubantu be Morgen, eya- gqitywa yi Komityi lomhlaba wase Batenjini, yokuba " nge Morgen enye yokulima kuku- tshwe 15 Morgen zedlelo" isigqibo ke eku- ngabonakaliyo ukuba safezwa. Yavunywa ! londawo.

Kusuke u-Mr. Figilan watelelwa ngu Mr. Mbane ukuba o Messrs. Maboza, Makohliso no Tsengiwe babalele ku Rulumente nge- ndawo yedlelo, iti kodwa incwadi ingene *nge-* mantyi, yavunywa londawo.

Kusuke u-Mr. Tsengiwe watelelwa ngu Mr. Kosana, ukuba o Messrs. Nqose, M. Ngcwabe no Solomon Kalipa bongezwe ku- lamadoda matatu, yavunywa londawo. Ipu- mile intlanganiso kuba sekuhlwile kwavunyelwana kwelokuba ibuye ihlangane kusile.

8th January 1885.

Intlanganiso ihlangene ngexa elikufutsha. ne no 11 o'clock a.m. Isihlalo sitatyatwe ngu Vice-President M. Renqe. Emva kwe- nteto emfupi eyenziwa ngu Mongameli, uha- mbile umsebenzi.

Kusuke u-Mr. Makohliso wati makuhla- nganiswe imali kubo bonke abesi siqingata, engayikudlula kwi 5/ ngonyaka endodeni, imali ke. 1. Eyakunceda wonke umntu osengxakekweni, xa sukuba ingotembekileyo abolekwe kuyo. 2. Eyakutenga intlobo ezi- tile zembewu zokulima, ezingati zifuneke, ukuze zitengiswe kotandayo.

U-Mr. Figiland uteleie wati, kodwa ubona yena ukuba ilizwi lokuti " bonke abesi siqingata" lisuswe kufakwe elokuti amalungu olumanyanc.

O Messrs. Tshokotsha no Tele bavume- leneno Mr. Makohliso.

u-Mr. Kula no Mr. Gagela bavumelene no Mr. Figilan.

Kusuke u-Mr. Tengo-Jabavu wati, lendawo itetwa ngu Mr. Makohliso ilungekunene, yena ke uti elake make kuhlanganwe nomzi ngale- ndawo, ingagqitywa ngapandle kwawo, kuba lonto iyakwenza ukungavani okukulu. U-Mr. Makohliso uyiroxisile eyake inteto wavume- lana no Mr. Tengo-Jabavu.

Kuxoxwe ke pezukwenteto ka Mr. Figilan no Mr. Tengo-Jabavu—Kwamnkelwa eka Mr. Tengo-Jabavu.

Kusuke u-Mr. Mfamana watelelwa ngu Mr. Tshokotsha ukuba kumiswe i-Sikiti—yatakazelwa londawo.

